URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Luthando Sangqu/Elton Bezuidenhout**
ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso lweMali
Luthando.Sangqu@westerncape.gov.za | 021 467 2608
Elton.Bezuidenhout@westerncape.gov.za | 021 467 2192

Inombolo yefayili: 18/5/5/
Isalathiso: 20250205-362

ISetyhula: 0003/2025
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2025

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela Balawuli (kwiizithili), kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isishwankathelo esifutshane: *Iinkcukacha zembuyiselo ngenxa yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo nesikhokelo senkqubo yokwenza izicelo zamabango (izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, amaBakala R-12).*

**Isihloko: Imbuyiselo ngenxa yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo**

1. UMphathiswa weMfundo esiSiseko kuZwelonke wakhupha imimiselo yokuhlawulwa kwembuyiselo ngenxa yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo kwizikolo ezihlawulisa iifizi ezikumanqanaba 4 no-5 entlupheko kazwelonke *kwiGazethi* kaRhulumente No 33971, yowe-28 Januwari 2011.

2. Imbuyiselo ngenxa yokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo iya kusoloko iyeyonyaka wesikolo ongaphambili, umz. imbuyiselo ehlawulwa ngo-2025 yeyokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi okwavunywa kunyaka wesikolo ka-2024.

3. Ezi meko zokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo zilandelayo ziya kufaneleka kwizicelo zamabango asemthethweni:

3.1 Umfundi uxolelwa ngokuzenzelekayo xa ngaba uyinkedama okanye ulahlwe tyaa (*abandoned*) ngabazali bakhe/ngumgcini wakhe; okanye

3.2 Umfundi ofumana isibonelelo segranti yezentlalo karhulumente enxulumene nokuthwaxwa yintlupheko (*poverty-linked state social grant*); okanye

3.3 Umfundi obazali bakhe/omgcini wakhe wenze isicelo sokuxolelwa ukuhlawula iifizi zesikolo, yaye savunywa libhunga lolawulo (makuqatshelwe ukuba isicelo nemizuzu yentlanganiso yebhunga lolawulo mazibe nokufumaneka esikolweni ngeenjongo zophicotho-ncwadi zesikolo).

4. **Imihla namaxesha amiselweyo**

4.1 Onke amabango makafakwe *(captured)* aze asayinelwe kwi-*CEMIS* ngokwenkqubo ecaciswe kule setyhula ungadlulanga owe-30 Apreli 2025. Izikolo maziyiqukumbele inkqubo yentlawulo yembuyiselo yokuxolelwa ukuhlawula iifizi zize zingenise ingcaciso ephicothiweyo kumphathi wesekethe ochaphazelekayo ungadlulanga owe-**30 Meyi 2025**, ukunika ixesha elaneleyo lokusingathwa kwale nkqubo njengoko ikhankanywe kumhlathi 6.

4.1.1 Kubalulekile ukuqaphela ukuba izicelo ezingeniswe emva kwexesha elisikiweyo aziyi kuqwalaselwa.

4.1.2 Isicelo ngasinye siya kuya kungqinisiswa yi-ofisi yesithili size singeniswe kwaNdlunkulu ukuze kwenziwe intlawulo. Iintlawulo ke ngoko ziya kwenziwa kwizikolo ezifanelekileyo phambi okanye ngowe-15 Novemba qho ngonyaka.

4.2 **Imihla yenkqubo yango-2025 (izicelo ezivunyiweyo zamabango okuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo ngo-2024)**

| Umhla | Omakwenziwe |
|---|---|
| 08 Apreli 2025 | Ukuvulwa kwe-*CEMIS* ukwenzela ukufakwa kwedatha |
| 30 Apreli 2025 | Umhla wokugqibela wokufakwa nokusayinelwa kwedatha yezikolo |
| 30 Meyi 2025 | Izikolo zingenisa ingcaciso ephicothiweyo kumphathi wesekethe ochaphazelekayo kwi-ofisi yesithili nokuvalwa kwe-*CEMIS* kuzo zonke izikolo |
| 30 Juni 2025 | Ii-ofisi zezithili ziqukumbela inkqubo yokungqinisisa zize zisayine izicelo kwi-*EduInfoSearch* |
| 30 Septemba 2025 | ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lazisa izikolo ngezixa elizihlawulayo |
| 14 Novemba 2025 | ISebe i-*WCED* lihlawula iimali kwizikolo ezifanelekileyo |

5. **Inkqubo**

5.1 Zonke izicelo mazingeniswe kusetyenziswa i-*CEMIS*. Eyona ngcaciso ingumlinganiselo osezantsi emayibonisiwe ibandakanya igama lesikolo, inombolo ye-*EMIS*, idilesi yestrato, igama neenkcukacha zoqhagamshelwano zomntu obezalisa ifom, inani lilonke labafundi ababhalise esikolweni, ilisti yabafundi abaxolelweyo ekuhlawuleni iifizi zesikolo kunyaka

ongaphambili kwakunye nenombolo eyi-*ID* yomfundi nenombolo ye-*CEMIS* yomfundi ngamnye kwaba.

5.2 Kucelwa niqaphele, ukuba izicelo zokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi zesikolo ezavunywa ngo-2024, njengoko zifakwe *(captured)* ngo-2024, ziya kuboniswa ukwenzela izikolo ezithathe inxaxheba kule nkqubo. Izikolo ziya kubanako ukukhetha ukuba zifake izicelo zokuxolelwa ezongezelelweyo ezivunyiweyo okanye zihlenga-hlengise ezi zicelo zokuxolelwa ukuba oko kuyimfuneko.

5.3 Inkqubo yamabango imi ngolu hlobo lulandelayo:

a) Ngena (*log on*) kwi-*CEMIS*.

b) Klikha ku-"*Proceed*" emva koko walathe ngaphezulu kwe-ayithem yemenyu u-"*Administration*" uze uklikhe ku-"*School fee exemption*" wandule ukuklikha ku- "*Claim Capture Screens*".

c) Khetha umfundi uze uzalise i-% yoxolelo enikiweyo (yabafundi ekwenziwa ibango ngabo). Ithuba eliya kuqhubeka ngalo ubhaliso (*enrolment period*) liya kube sele lifakiwe ngokuzenzekelayo ekhompyutheni (*automatically populated*)

d) Zalisa uze uprinte isicelo sebango. Ngenisa isicelo sebango kubantu abachaphazelekayo ukuze sisayinwe, o.k.t. usihlalo wekomiti yezemali, inqununu nosihlalo webhunga lolawulo.

e) Singenise kumphicothi-zincwadi kwakunye namaxwebhu axhasayo ukwenzela uphicotho-zincwadi. Funda umhlathi 6 wale setyhula.

f) Emva kophicotho-zincwadi, makungeniswe iprintawuthi (yesicelo sebango) kwi-ofisi yesithili esichaphazelekayo, ukuze singqinisiswe. Iikopi ezisayinelweyo mazigcinwe ukwenzela iinjongo zophicotho-zincwadi sisikolo nayi-ofisi yesithili echaphazelekayo. Onke amaxwebhu axhasayo makagcinwe esikolweni. Uyacelwa ungathumeli nawaphi na amaxwebhu kwaNdlunkulu.

g) Sisakuba singqinisisiwe isicelo sebango, abaphathi beesekethe mabaprinte isicelo sebango elingqinisisiweyo ku-*EduInfoSearch*. Ezi rekhodi ziya kugcinwa kwi-ofisi yesithili ukwenzela imibuzo esuka kwaNdlunkulu.

## 6 **Uphicotho-zincwadi**

6.1 IsiHlomelo B *seGazethi kaRhulumente*, (ekubhekiswa kuso kumhlathi 1), sibandakanya isikhokelo somphicothi-zincwadi. La maxwebhu alandelayo makangeniswe kumphicothi-zincwadi:

(a) Isabelo-mali sesebe sokugqibela semimiselo nemigangatho (*N&S*) sonyaka ochaphazelekayo;

(b) Iingxelo-mali eziphicothiweyo zonyaka ochaphazelekayo;

(c) Iirejista zokuhamba isikolo kwabafundi zonyaka ochaphazelekayo;

(d) Isaveyi equphayo *(SNAP survey*) yonyaka ochaphazelekayo;

(e) Iifom zokuxolelwa kwintlawulo yeefizi namaxwebhu okuxhasa isicelo somfundi ngamnye oxolelweyo (kubandakanywa ubungqina bedatha yabo bathathele abafundi kubo

njengabazali (*foster care*) nesibonelelo segranti sezentlalo apho kuchaphazelekayo oko); kunye

(f) Namaxwebhu avuma ukuxolelwa komfundi ngamnye oxolelweyo.

6.2 Umphicothi-zincwadi makasebenzise la maxwebhu ukungqinisisa ukuchaneka kwengcaciso enikiweyo. Apho amaxwebhu axhasayo afumaneka kwifomathi yekhompyutha (*electronic format*) kuphela, umphicothi-zincwadi makenze isicelo sokuba afikelele kuloo ngcaciso. Umphicothi-zincwadi makalizalise alisayine icandelo elifanelekileyo kwifom yokwenza isicelo.

6.3 Mayibhalwe phantsi yonke ingcaciso engangqinelaniyo kwakunye nemigaqo engachanekanga ngethuba lenkqubo yophicotho-zincwadi. Zonke izilungiso ezifakelweyo eziyimfuneko mazenziwe ngumphathi wesekethe ngethuba lenkqubo yokungqinisiswa kwayo.

6.4 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) aliyi kusamkela isicelo esingasayinwanga ngumphicothi-zincwadi okanye apho umphicothi-zincwadi athe wanombuzo ngokubasemthethweni kwaso.

6.5 Izicelo maziphicothwe njengenxalenye yophicotho-zincwadi olwenziwa qho ngonyaka lwesikolo ngasinye. Ifom yesicelo ephicothiweyo mayingeniswe kumphathi wesekethe kwi-ofisi yesithili semfundo.

6.6 Yonke ingcaciso efunyenweyo iya kulandela inkqubo yokungqinisiswa liSebe i*WCED*. Ukuba nayiphi na ingcaciso ifunyaniswe inenkohliso (*fraudulent*), isikolo esifaka isicelo siya kohlwaywa, nto leyo enokubandakanya inyathelo loluleko ngakuloo nqununu ibingqinisisa ingcaciso kunye/okanye ukubuyiswa kwayo nayiphi na intlawulo eyenziweyo. Ukungeniswa kwesicelo emva kwexesha elisikiweyo (o.k.t. emva kwe-30 Apreli 2024), ingcaciso engaphelelanga, ingcaciso etshintshiweyo (*altered information*), ingcaciso engachanekanga nengcaciso engeniswe ngefomathi engachanekanga, iya kusenza eso sicelo sibe sesingekho mthethweni (*invalid*). Makungeniswe ifom yentsusa (original) ezaliswe ngokupheleyo, (ingabi yikopi yayo). Kucelwa uqaphele ukuba iSebe i-*WCED* liya kwamkela kuphela iifom zezicelo ezenziwe kwi-*CEMIS*.

7. **Ukubalwa kwezixa-mali**

7.1 Isakuba igqityiwe inkqubo yokungqinisisa, iSebe i-*WCED* liya kuqinisekisa malunga nexabiso elipheleleyo lezicelo zamabango ezipheleleyo, emva koko izikolo zaziswe ukuba ngaba zizifanele na ezo zixa-mali zentlawulo ziya kuzifumana.

7.2 **Abafundi beBakala R**

Isixa-mali ngomfundi ngamnye weBakala R esifunyanwayo siya kubalwa ngolu hlobo lulandelayo:

(a) Ithuba (inani leentsuku ababhaliswe ngazo enyakeni).

(b) Ipesenti yokuxolelwa.

(c) Isabelo-mali semimiselo nemigangatho (*N&S*) ngomfundi ngamnye (iBakala R).

(d) Umyinge obekiweyo *(threshold*) kwizikolo ezingahlawulisi zifizi (R1 447 ukwenzela u-2024).

| IBakala | Inqanaba lentlupheko | Isabelo seN&S ngomfundi ngamnye |
|---|---|---|
| IBakala R | NQ4 | R880 |
| IBakala R | NQ5 | R420 |

7.3 **Abafundi bamaBakala 1-12**

Isixa-mali ngomfundi ngamnye weBakala 1-12 esifunyanwayo siya kubalwa ngolu hlobo lulandelayo:

a) Ithuba (inani leentsuku ababhaliswe ngazo abafundi enyakeni)

b) Ipesenti yokuxolelwa;

c) Isabelo se-*N&S* somfundi ngamnye (iBakala1-12)

d) Nomyinge obekiweyo *(threshold)* kwizikolo ezingahlawulisi zifizi (R1 754 ukwenzela u-2024).

**Imizekelo yokubalwa kwezixa-mali:**

| IBakala | Inqanaba le-NQ | I-Learner ID no. | Iimini zobhaliso | Ipesenti yokuxolelwa | Isabelo se-N&S | Ukubalwa kwango-2024 |
|---|---|---|---|---|---|---|
| IBakala 1-12 | 4 | 4 | 200 | 100% | 878 | 200/200 X 100% x (R1 754 – R878) = R876 |
| IBakala 1-12 | 5 | 5 | 100 | 50% | 303 | 100/200 x 50% x (R1 754– R303) = R363 |

8. ISebe i-*WCED* liya kuba nako ukubala ukuba ukuhlawulwa kwe-100% yebango lesikolo kuphela emva kokuba kufunyenwe zonke izicelo zamabango kwaza kwabalwa nesixa-mali xa sisonke. Isixa-mali sisonke siya kuthelekiswa nebhajethi yonyaka iyonke kolu ngenelelo ngoncedo. Iimali ziya kuhlawulwa kwizikolo ezifanelekileyo phambi okanye ngowe-15 Novemba ngonyaka lowo kwenziwe ngawo isicelo.

9. Nayiphi na imibuzo malunga nokuzaliswa kwefom yesicelo inokuthunyelwa kumphathi wesekethe kwi-ofisi yesithili echaphazelekayo

10. Kucelwa niqaphele ukuba le setyhula itshitshisa yaye ithathe indawo yeSetyhula 0013/2024 yomhla we-05 Apreli 2024.

11. Kucelwa nazise okukule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-02-12